Amacebo okukhetha iincwadi

Ungadlala indima ebaluleke kakhulu ekuncedeni abantwana bakho bakhethe iincwadi eziza kubenza 'banamathele' ekufundeni nakumabali. Nanga amacebo okukunceda. Zama icebo libe linye ngexesha. Jonga ukuba ngawaphi akusebenzela ngcono wena nabantwana bakho.

Sebenzisani ulwimi lweenkobe

Iincwadi zoobhabha neentsana zase-pre-school kufanele zibe ngolwimi lweenkobe ngalo lonke ixesha xa kunokwenzeka. Guqula iincwadi ezinamagama ambalwa kakhulu, ezingashicilelwanga ngolu lwimi uludingayo. Nabo abantwana abadala zama ukubafumanela iincwadi ezingolwimi lwabo lweenkobe, kuba nakuphina ukufunda okuthakazelelwayo ngolwimi lweenkobe kwandisa uthakazelelo, ulwazi kunye nomdla wokuqhubeka ukufunda.

Iincwadi zoobhabha neentsana

Oobhabha bayayithanda imifanekiso emenyezelayo neqaqambileyo okanye iifoto zezinto okanye zabantu zibe nemibhalo elula, kwaye bayathanda ukuva izandi zolwimi kunye nokumamela uphinda-phindo kunye nesingqisho sokubetha kwezandi eziyeleleneyo. Iincwadi zokuqala ezibandakanya ukuqhwatywa kwezandla nokuvuma ngentloko zidla ngokuba ziintshatsheli koobhabha nakwiintsana. Zama ukufumana iincwadi ezibhalwe kumaphepha afana namaqweqwe kunye neencwadi ezenziwe ngamalaphu kuba zona zingahlafunwa kwaye zitsalwe ngaphandle kokuphasalaka!

Isingqisho sophinda-phindo nokubetha kwezandi eziyeleleneyo

Abantwana abancinane bonwabela iincwadi ezinemifanekiso egqamileyo yeengoma ezimbambazelayo, imidlalo yamagama kunye nophinda-phindo lwezandi. Bayazonwabela kwaneencwadi ezinezandi ezinesingqisho esiphinda-phindwa ngamandla okanye apho amabinza aphinda-phindwayo.

Imifanekiso kuphela

Iincwadi ezingenamagama ziluncedo olukhulu kuba ufumana ithuba lokubalisela abantwana bakho ibali ngendlela othanda ngayo kwaye nabo bangaqweba awabo amabali . Iincwadi ezingenamagama ziluncedo olukhulu kwiimeko zeelwimi ngeelwimi ezahlukeneyo, kubantwana nakubantu abadala abathetha iilwimi ezahlukeneyo.

Eqhelekileyo nentsha

Khetha ezinye iincwadi ezibonisa izinto eziza kuqheleka ebantwaneni bakho – umzekelo, iincwadi apho amakhaya anokuthi akhangeleke njengelabo nalapho ibali libenza baphonononge izinto zobomi bemihla ngemihla abasenokuthi bazazi okanye kuthi kanti babekhe bahlangana nazo. Khetha nezinye iincwadi ngendlela eyakwenza abantwana bakho babe nomdla ngezinto ezintsha kwaye bafumane namava amatsha. Ezinye ibe ziintsomi, amabali asekwe kwiindawo ezahlukeneyo neekcubeko ezahlukeneyo okanye amabali anobugqi nachwayitisayo.



Izinto Eziyimfuneko

Ukufunda nabantwana abadala

Nkqu nabantwana abakwaziyo ukuzifundela ngokwabo bayakuthanda ukufundelwa. Ukufunda ngokukhwaza kudla ngokuthetha ukuba ukhetha amabali abhalwe ngolwimi oluntsonkothileyo neyelenqe elintsonkothileyo kunalawo abadla ngokuzifundela ngokwabo. Amanye isenokuba ngamabali athetha ngezinto ezinobunzima nezimasikizi. Kungcono ukhethe iincwadi eziziindidi ezahlukeneyo abangazifundela ngokwabo okanye abangakufundela zona; iincwadi eningazifunda nikunye kunye neencwadi ongabafundela zona.

Iindidi neentlobo ezahlukeneyo sisiqholo sobomi

Bakhuthaze abantwana bazame iindidi ngeendidi ezahlukeneyo zeencwadi – amabali angesikolo, amabali angesithuba ekujikeleza kuso ihlabathi, amabali osapho nawobuhlobo, amabali angendalo, amabali angembali kunye nalawo angamagorha namagorhakazi kunye neentloli zamazwe, amabali angawemingcipheko echulumancisayo, aweengcinga, awobugqi neemfihlakalo.

Ukujongana nemingeni yobomi

Iincwadi zemifanekiso kunye neenoveli ezimalunga nezinto ezenzekileyo okanye ezenzekayo kubomi babantwana bakho – njengokufika kodade okanye umnakwe omtsha, uqhawulo-mtshato lwabazali okanye imingeni yobuhlobo – zingabanceda abantwana baveze izimvo zabo kwaye baqubisane neenkxalabo zabo. Ezinye iincwadi zinganinceda nikwazi ukuthetha ngemiba eyenza iintloni okanye emasikizi efana nezesondo, ukugula nokubhubha, ningadanga nabe niyingqala ngqo loo miba.

Ukufundela inkcazelo

Iincwadi zenkcazelo ayizozabantwana abadala kuphela. Zininzi kakhulu iincwadi ezifanelekileyo zenkcazelo ezizezabantwana abaneminyaka yobudala yase-pre-school. Iincwadi zemiba zivuselela umdla nokumangaliseka malunga nehlabathi lethu lendalo nelibonakalayo. Ukufunda ngamabali obomi babantu ababebandakanyeka kwizinto ezifana nembali, ipolitiki, ubugcisa, umculo, iqonga, ezonyango kunye nenzululwazi, kungabakhuthaza kakhulu abantu abatsha abacinga ngokuba ubomi obu bungantoni na kanye kanye. Xa beqhubeka ngolu hlobo, bandisa ulwazi lwabo nokuqonda izinto kwaye batsho bafunde nokuba bangayifumana phi, njanina inkcazelo.

Yenza uphando

Buza amagosa asebenza kwithala leencwadi yendawo ohlala kuyo ukuba ngabaphi ababhali beencwadi zabantwana abaneminyaka ethile abonwatyelwa kakhulu. Babuze nangeencwadi ezibhalwe ngolwimi/ngeelwimi ozikhethayo. Khangela, kwi-Intanethi okanye kwithala leencwadi, iincwadi eziphumelelaoamabhaso, iintsomi namabali amazwe ngamazwe ase-Afrika nawehlabathi jikelele.